PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISICELO SOKUPHAKANYISWA KWAMAGAMA

UTYUMBO LWAMALUNGU AMATHATHU ETYUNJELWA KWIBHODI YEARHENTE YOPHUHLISO LWAMAJELO EENDABA NOKWAHLUKA (I-MDDA)

Amaziko kunye/okanye abantu ngabanye bayamenywa ngako oku ukuba bakhombe abantu abaza kuvala izikhewu ezithathu zamalungu angengawo esigqeba kwiBhodi yeArhente yoPhuhliso lwaMajelo eeNdaba noKwahluka, ngokwecandelo 4 loMthetho weArhente yoPhuhliso lwaMajelo eeNdaba noKwahluka, onguNomb. 14 wowama-2002.

I-Arhente yoPhuhliso lwaMajelo eeNdaba noKwahluka yadalelwa ukunceda "uluntu olwalufudula luvinjwe amathuba kunye nabantu abangancedwa ngokwaneleyo ngamajelo eendaba" ukuze babe nokufikelela kumajelo eendaba. Abaxhamli beenkqubo zale arhente ngamajelo eendaba oluntu kunye namajelo eendaba orhwebo amancinane.

Ilungu leBhodi liya kuba:

- Ngumntu ozinikeleyo ekubeni angabi nesheyi, kwinkululeko yokuvakalisa izimvo, ekubeni ngumntu ongcinga ziphangaleleyo nasekuthatheni uxanduva lokuphendula ngezenzo zakhe
- Ngumntu omele amacandelo awohlukeneyo oluntu lweRiphabliki nonezifundo, ubuchule namava afanelekileyo kule mihlaba, phakathi kweminye:
- AMajelo eeNdaba oLuntu; Imiba yezeNtlalo, yezaBasebenzi kunye noPhuhliso;
- Amajelo eendaba;
- Uqoqosho, uLawulo lweziMali neNkxaso-mali;
- IiNtengiso;
- UbuNtatheli neeNkqubo zoSasazo;
- UPhengululo ngezaMajelo eeNdaba;
- UQeqesho kwezaMajelo eeNdaba, uBuchule bokuFunda nokuBhala kunye nezeMfundo;
- UMthetho wezaMajelo eeNdaba; kunye nomgaqo-nkqubo weTheknoloji yezoLwazi noNxibelelwano;
- okanye nabuphi na obunye ubuchule okanye izifundo eziphunyelelweyo ezinxulumene noku.
- Abatyunjwa nabo kufuneka babe ngabemi beloMzantsi Afrika abahlala kwiRiphabliki ngokusisigxina.

Utyumbo olubhaliweyo kufuneka luqulathe igama eliphelelelyo nedilesi yeziko kunye/okanye umntu lowo utyumba othile, uxwebhu lotyumbo olutyikitywe ngumtyunjwa lokwamkela utyumbo kunye neNkcazo yakhe emFutshane ngaMava oMsebenzi neZifundo aziPhumelelelyo, ebonelela ubuncinane ngolu lwazi lulandelayo:

- Igama eliphelelelyo, inombolo yeSazisi kunye nesini
- Idilesi yonxibelelwano, inombolo yomnxeba neyefeksi, nedilesi ye-imeyile
- Amava omsebenzi angaphambili (kukhankanywa amaxesha nemibutho echaphazelekayo)
- Iikopi eziqinisekisiweyo zezifundo eziphunyelelweyo nezesazisi.

Iikopi eziqinisekisiweyo zezifundo eziphunyelelweyo nezesazisi.

Amagama abatyunjwa kunye nemibuzo kufuneka ithunyelwe kwiKomiti yeMicimbi yeSebe yezoNxibelelwano (Ibhekiswe ku: **Mnu Thembinkosi Ngoma**, uNobhala weKomiti) 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye ithunyelwe nge-imeyile ku **tngoma@parliament.gov.za** okanye ngefeksi kule nombolo **0865225740.** Imibuzo ngomnxeba ingenziwa kule nombolo **(021) 403 3733** okanye **0837098407.**

Usuku lokuvala lokungeniswa kwamagama abatyunjwa: NguLwesihlanu, umhla wama-30 kweyeSilimela 2017 ngentsimbi ye-16:00.

Nceda uqaphele ukuba kuya kuqhutywa uhlolo lokuchaneka kwezifundo eziphunyelelwe ngabatyunjwa kunye nohlolo lomngcipheko wabo ngokwezobuntloli. Amagama abatyunjwa afakwe emva kwexesha lokuvala awayi kuqwalaselwa. Abagqatswa ababefake izicelo ngaphambili akukho mfuneko yokuba bafake izicelo kwakhona.

Sikhutshwe nguMnu Humphrey Maxegwana, iLungu lePalamente: USihlalo, iKomiti yeMicimbi yeSebe yezoNxibelelwano.

Parliament. Making Democracy Work

www.parliament.gov.za